

# Kwinkqubo Yethu Yokumpimpa

UKUKROBISA



Ukhuseleko



Ukulingana



Nokuthembana

Ukuhambisana nemigaqo yomthetho nemithetho yangaphakathi, nemigaqo ebhalwe kwiNdlela yethu Yokuziphatha neNdlela Yokuziphatha Yamashishini Esisebenzisana nawo, yinto ebaluleke kakhulu kwaAudi South Africa. Kubalulekile ukwazi ngento engafanelekanga esenokuba yenziwa ngumqeshwa okanye ngumthengisi ize inqandwe. Ngoko, siye salungiselela ukuba iOfisi Elikomkhulu Lophando ibe neNkqubo Yokumpimpa ezimeleyo, engenamkhethe nengadizi mfihlo. Ukuze kungabikho mntu ucinezelekayo, iNkqubo Yokumpimpa inesiqinisekiso sokubakhusela kangangoko abantu abampimpayo, abantu abachaphazelekayo nabaqeshwa abancedisayo kuphando lwento eye yaxelwa. Ukuba isimangalo sakho singento enokuchaphazela ukunyhawula kwamalungelo abantu nendalo enziwa kwicala lomthengisi okanye amashishini esisebenzisana nawo, iOfisi Yophando iza kwazisa amasebe afanelekayo aze wona athathe amanyathelo ekufuneka ethathiwe.

Fumana inkcazelo engakumbi ngemigaqo yenkqubo yeVolkswagen Group Complaints Procedure [apha](#).

## Ukufaka isimangalo kwiNkqubo yethu Yokumpimpa

INkqubo Yokumpimpa ineendlela ezininzi zokufaka isimangalo sento engafanelekanga esenokuba yenziwa ngumqeshwa okanye ngumthengisi, ndlela ezo zenza sikhawulezelwe eso simangalo yinkampani yethu ukuba kufuneka njalo. Isimangalo singafakwa nanini na.



**Ukubakho ubuqu okanye Xa ufuna ukuza ngokwakho**

Beka ixesha lokufika kwangaphambili ngeimeyile



**Idilesi yeposi**

Volkswagen AG - Central Investigation Office, Mailbox 1717, Berliner Ring 2, 38436 Wolfsburg (Germany)



**I-imeyile**

[io@volkswagen.de](mailto:io@volkswagen.de)



**Indlela yokufaka isimangalo kwi-intanethi**

<https://goto.speakup.report/volkswagen>



**Amagosa ezikhalazo**

<http://www.ombudsmen-of-volkswagen.com>



**Ukuthetha efowunini**

Inombolo yefowuni: +27 (21) 427 7937 (ibhatalelwa ngokwamaxabiso asekuhlaleni) Ikhowudi yombutho: 122203



**I-App**

**Inyathelo 1:** Dawunlowuda i-App usebenzisa le khowudi ye-QR



**Inyathelo 2:** Faka ikhowudi yombutho: 122203 okanye uskene le khowudi ye-QR:



## Unayo eminye imibuzo?

Sicela uyise kwiOfisi Yophando imibuzo neengcebiso zendlela yokuphucula ezinentsi yokwenza neNkqubo Yokumpimpa.